



# UKUTHINTELA NOKULAWULA UMGADA

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

### 1. Yintoni umgada?

Umgada sisifo esibangelwa yintsholongwane. Uchaphazela ubuchopho ze ubangele ukuphazamiseka kwengqondo, ukuhlaselwa zizifo, ukushwabana kwezihlunu de zife zonke 100%.

### 2. Yeyiphi imfuyo enokuba nomgada?

Emzantsi Afrika, umgada uhlale ukhona kweminye imihlambi yemfuyo yasekhaya, izinjakwakunye nezinye izidalwa zasendle ezikwezinye iingingqi, kuquka neempungutye ezineendlebe ezinde, oodyakalashi, “yellow mongooses” nezimvu zomhlaba. Isilwanyana esosulelekileyo siyakwazi ukosulela esinye isidalwa kwizilwanyana xa isiluma, isikhotha okanye ngokusikrwempa.

### 3. Uyakwazi njani ukuba isidalwa esisilwanyana sinomgada?

Isilwanyana esinomgada siyathanda sisuke usibone sinemikhwa engaqhelekanga. Imfuyo yasekhaya isuke ibe nolaka neengcwangu okanye ibonakale ngathi ididekile ngengqondo, ngelixesha ezasendle zisuke ziyeke ukuboyika abantu abazisondelayo okanye suke zibalume. Ezinye iimpawu ziquka ukubona ngamathe amaninzi, ukuginya kanzima, ukubamanyonywana, ubuthathaka, umkhuhlane, ukugabha nokurhuda. Imfuyo eyosulelekileyo idla ngokufa phakathi kweentsuku ezi 2-10 nje emva kokuqala ukubonakalisa iimpawu zomgada.

### 4. Umgada ufumaneka kweziphi iindawo kuMzantsi Afrika?

Isifo somgada sikho kulo lonke eli lizwe loMzantsi Afrika, kodwa asipheli kwezinye izilwanyana nezikwiindawo ezahlukeneyo. Kule mihla, kukho imijikelo yezinja ebangela ulosuleleko oluninzi kwiindawo ezinkulu eziseMpuka-Kapa kunye neendawo ezisemanxwemeni a KwaZulu-Natal. Umgada wezinja uyabonakala nakwezinye iindawo kwiingingqi ezise mpuma yase Mpumalanga nase Limpopo. Kwintshona Koloni, esona silwanyana sisiphathela umgada zezi mpungutye zineendlebe ezinde yaye kumaxesha-ngamaxesha umgada lo usekwabonakala nakwezinye izilwanyana zasendle. Kwezasendle, oodyakalashi zezona zilwanyana zisiphathela umgada pha kwiindawo ezikumantla woMzantsi Afrika kunye nee “yellow mongooses” kwilizwe elisem’bindini.

### 5. Ingaba umgada ubosulela njani abantu?

Abantu basenokosuleleka ngumgada xa elunywe sisilwanyana esinomgadsa, ekhothiwe okanye xa ekrwentshiwe. Le ntsholongwane ihamba ngomthambo-luvo (nerve) de iyokufika ebuchotsheni, ingathatha ixesha elingange veki de ibe ngunyaka. Xa le ntsholongwane se ifikile ebuchotsheni ze iqalise ngokuzala, iimpawu zesifo ziqala ukubonakala ze loo mntu uchaphazekileyo ade abe uyafa. Olukho unyango lomgada, into nje ekhoyo kukuwuthintela.

### 6. Singawuthintela njani umgada?

Kulula kakhulu ukuthintela umgada ngokuthi ugonywe izinja neekati ezisekhaya. Kufuneka inja okanye ikati yakho ibe igonywe ngugqirha wemfuyo kwa iseneenyanga ezintathu izelwe, ze iphinde xa se inonyaka ze rhoqo phakathi konyaka omnye 1-3 nemithathu, kuxhomekeke kumngcipheko womgada ngokwengingqi. Ebantwini, malunga ne 99% yemeko zomgada zibangelwa kukulunywa zizinja ezinomgada, loo nto ithetha ukuthi ugonywa kwezilwanyana zasekhaya yiyona ndlela isebenzayo ekuthinteleni ukuba abantu bangosulelwa ngumgada. Abantu abakhe bahlangana nezilwanyana ezinomgada bangafumana uncedo lonyango noluzakubanceda ekubeni esi sifo singakhuli xa benokukhawuleza balufumane unyango.



## 7. Yintoni ekufuneka uyenza xa ukrokrela ukubainja/ikati yakho inomgada?

Kuthintele ukuhlalanga nayo nayiphi imfuyo/isilwanyana osikrokrela nkqu nabantu. Dibana nogqirha wakho wabucala nongowonyango lwemfuyo, ugqirha wonyango lwemfuyo karhulumente okanye iikliniki yonyango nokuphululwa kwemfuyo ngokukhawuleza. Ziyafumane iinkcukacha zoqhakamshekwano nogqirha wemfuyo kuRhulumente apha ku: <https://www.elsenburg.com/veterinary-services/animal-health-and-disease-control/>

## 8. Kufuneka wenze ntoni xa ucinga ukuba ukhe wahlalanga nesilwanyana esinomgada?

Ukuba unenxeba okanye ukwelo, li/wuhlambisisise kakuhle ngesepa namanzi. Emva koko, khawuleza uye kwikliniki ekufutshane nawe okanye ugqirha ze umxelele ukuba ukrokrela into yokuba ukhe watyiwa/wahlalanga nesilwanyana esinomgada. Sukulinda xesha lide; ngokuthi ukhawuleze ufumane uncedo, abamakhulu amathuba okuba ungangosuleleki ngumgada. Xa sekubonakala iimpawu zokuba nomgada, kobe sekonakele.

## IINKCUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO

TITLE	CONTACT NO.	E-MAIL	ADDRESS
State Veterinarian: George	044-803-3771/0	SVGeorge@westerncape.gov.za	4 Varing Avenue, George
State Veterinarian: Boland	021-808-5028/ 5253	SVBoland@westerncape.gov.za	Western Cape Department of Agriculture building, Muldersvlei road, Elsenburg
State Veterinarian: Swellendam	021-808-5059/ 028-425-4850	DOA.svswellendam@westerncape.gov.za	67 Voortrekker St, Swellendam
State Veterinarian: Beaufort West	023-414-9220/1	DOA.svbeaufortwest@westerncape.gov.za	Blyth St, Beaufort West
State Veterinarian: Vredendal	027-201-3514/-0	DOA.svredendal@westerncape.gov.za	Cnr Matzikama and Noord St. Vredendal
State Veterinarian: Malmesbury	022-433-8915/0	DOA.svmalmesbury@westerncape.gov.za	Cnr Spoorweg and Munisipale St, Malmesbury
State Veterinarian: Oudtshoorn	044-203-9443/5	DOA.svoudtshoorn@westerncape.gov.za	43 Van Der Riet St, Oudtshoorn
State Veterinarian: Worcester	021-808-5052	DOA.svworcester@westerncape.gov.za	30 Van Arckel St, Worcester